



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2015

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-9.

ICANDELO A: ISICATSHULWA**UMBUZO 1****Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:-**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwa amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kanaanjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwiscatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

1.1 1.1.1 Kuxa eqonda eqinisekile ukuba kukho umntu okanye abantu abaxabileyo bezenza imiqobo phakathi komntu lowo nelungelo✓/ kuxa eqonda ukuba limlungelo✓/ liza kumenzela into.✓

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.1.2 Kukuhlala nje bengazenzi iinzame zokufumana loo malungelo abo.✓

(1)

1.1.3 Ukufanisa nentwanazana eziqamangela ngencebeta ingekafikisi✓/umntwana oneminyaka emine ohlala emva kwevili lokuqhuba inqwelo-mafutha✓/kungathi kunxityiswa umntwana oneminyaka emihlanu ibhulukhwe namaquza kayisemkhulu✓/nomntu obandeza ichitywa engaliqabi.✓

(Nasiphi na isibini) (2)

- 1.1.4 Ngumntu olifaneleyo ilungelo✓/ngumntu olilungeleyo ilungelo.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 1.1.5 Sivelisa ukuba ilungelo xa lingasakwenzeli nto akukho mfuneko yalo✓/amalungelo ahamba ngokwamanqanaba okukhula.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 1.1.6 Kufuneka abe nobulali bokulilondoloza elo lungelo ✓/nobungcali bokulilondoloza elo lungelo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.7 Ungabonwa njengomntu ofuna ukurhwaphiliza amalungelo abo.✓ (1)
- 1.1.8 Sivelisa ukuba amalungelo angasetyenziswa ukulwa imicimbi yelifa✓✓/amalungelo angasetyenziselwa ukukhusela ilifa losapho.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.9 Abantu bayakwazi ukuyibandeza into bengazi kuyisebenzisa egameni lelungelo✓✓/ngamanye amaxesha amalungelo ahamba nomona✓✓/ kuvela umona ngelikhusela ilifa labo.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.10 Kukuthi ntii ingqondo ungaziboni ukuba ilungelo elo alikufanelanga.✓ (1)
- 1.1.11 Kukubekwa okwethutyana komntu ngokusemthethweni esikhundleni somnye umntu.✓✓ (2)
- 1.1.12 Wayesiya kweso sikolo unkabi engananzanga nto ngazifundo zakhe kubonakala ukuba kuloo magumbi okufundela usekhefini lokulindela ukuba ade afikelele kwixesha elamkelekileyo lokuphatha.✓✓ (2)
- 1.1.13 Ngabantu abathanda izisulu✓/abangenanyani✓/abacingela iziqu zabo✓/abantu abangengomathandazwe✓/abalahlekisi.✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 1.1.14 UMaBhozo uye wangumntu ozintyintya ngotywala✓/ubesoloko efuna imali ngenkani ebantwini.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

- 1.1.15 Ndiyavelana kuba ulahlekiswe ngabantu abadala ekule meko nje.√√

OKANYE

Andivelani kuba ebelunyukisiwe ngunina akamamela.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

- 1.1.16 Ubaluleke ngokuba umntu asazi isizathu sokufuna ilungelo ukuze alisebenzise ngendlela eyiyo.√ (1)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2.1 UseRobben Island√/usesiseleni√/entolongweni√/ejele.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

- 1.2.2 Unqwenela ukuzibona ephaya phandle√√/ubawela/urhalela ukuphuma√√/ucinga indlela anokuphuma ngayo√√/ucinga nzulu ngemeko akuyo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

- 1.2.3 Ukukhathazeka√√/ukucinga nzulu√√/ukungayithandi imeko akuyo√√/ucinga indlela angazikhupha ngayo kule meko akuyo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

- 1.2.4 Kungokuba mdala√/ugugile√/waluphele√/ziinzingo zasejele.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

- 1.2.5 Ezi zicatshulwa zahluka ngokuba isicatshulwa A sifundisa uluntu ngamalungelo nangendlela yokuwasebenzisa kanti isicatshulwa B siveza intsokolo nentlungu eyafunyanwa nguMandela yokuhluthwa ilungelo lokuhamba ngokukhululekileyo.√√

(2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: UKUBHALA USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
 - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
 - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 lolwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule.**
 - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
 - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

UMHLATHI

Abazali basokoliswa ngabantwana kuba iingcamango zabo zahlukene ngezinto zobomi. Mandulo into ethethwa ngumzali ibingaphikiswa ngumntwana koko ebeyamkela njengoko injalo. Amasiko nezithethe siwatyeshela ngenxa yokutshintsha kwamaxesha nempucuko. Abazali mababaphulaphule abantwana beveza ezabo izimvo ngobomi ngokukhululekileyo. Luxanduva lomzali ngamnye ukukhulisa umntwana ngendlela eyiyo neyamkelekileyo. Mayihlale ezingqondweni zabazali into yokuba abantwana bale mihla nabo banayo imingeni abajamelene nayo efuna ukuqwalaselwa ebangwa lifuthe lokutshintsha kwamaxesha. Ukukhululeka akuthethi ukuba makube kwavula zibhuqe koko makuhambe noxanduva. [70]

[10]

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	'Abazali baxakene nenzala yabo ngenxa yokungavisisani ngezimvo malunga nezinto ngezinto zobu bomi.'	1.	Abazali basokoliswa ngabantwana kuba iingcamango zabo zahlukene ngezinto zobomi.
2.	'Kumaxesha angaphambili kwaXhosa intetho yomzali ibingaphikiswa ngumntwana.'	2.	Mandulo into ethethwa ngumzali ibingaphikiswa ngumntwana koko ebeyamkela njengoko injalo.
3.	'Siphulukana namasiko nezithethe zethu sijongile egameni lenkqubela-phambili.'	3.	Amasiko nezithethe siwatyeshela ngenxa yokutshintsha kwamaxesha nempucuko.
4.	'Abazali mababavule abantwana baphalaze izimvo zabo malunga nezinto -yinto zobomi.'	4.	Abazali mababaphulaphule abantwana beveza ezabo izimvo ngobomi ngokukhululekileyo.
5.	'Yinyani engenakuphikiswa ukuba ngumsebenzi womzali ngamnye ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo.'	5.	Luxanduva lomzali ngamnye ukukhulisa umntwana ngendlela eyiyo neyamkelekileyo.
6.	'Abazali mayibacacele into yokuba abantwana bangoku banazo iingxaki ezithile ezizezabo ekungafunekanga zithatyathwe njengemfitshimfitshi. Zininzi izinto eziphazamisa iingqondo zabantwana bangoku ezazingekho ngaphambili, ezibangela ukuba imisebenzi yabo yasemakhaya nasesikolweni bangayenzi ngocoselelo.'	5.	Mayihlale ezingqondweni zabazali into yokuba abantwana bale mihla nabo banayo imingeni abajamelene nayo efuna ukuqwalaselwa ebangwa lifuthe lokutshintsha kwamaxesha.
7.	'Inkululeko nayo kufuneka ibe nemida hleze ilahlekwe yintsingiselo yayo igqibele seyibubundlavini.'	7.	Ukukhululeka akuthethi ukuba makube kwavula zibhuqe koko makuhambe noxanduva.

[10]**AMANQAKU ECANDELO B:****10**

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**Ukumakisha iCandelo C**

- Upelo
 - limpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa kuvavanywa izifinyezi, impindulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impindulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempindulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

UMBUSO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 Kwaziswa ngekliniki ejikelezayo yezilwanyana.√ (1)
- 3.2 Sijoliswe kubantu abafuya izilwanyana√/Kubantu abathanda izilwanyana√/Kubantu abakhathalele izilwanyana. √ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.3 Isifo somgada sichaphazela izinja neekati.√√ (2)
- 3.4 Ziyagxininisa.√ (1)
- 3.5 C. Ulwimi oluqweqwedisayo√/C√/Ulwimi oluqweqwedisayo.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.6 Isibhengezo **sithi** makufikwe ingekadluli ikliniki ejikelezayo.√ (1)
- 3.7 Sazisa abantu ngoncedo olukhoyo lonyango lwezilwanyana√/Sazisa abantu ngekliniki ejikelezayo√/Ukunceda abantu bangachaphazeleki kwisifo somgada.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.8 Kukukhuthaza uluntu ngokuphathwa kakuhle kwezilwanyana√√/Sikhuthaza ulondolozo lwezilwanyana√√/Sikhuthaza ukuthandwa kwezilwanyana√√/Sikhuthaza ukuhlonitshwa kwamalungelo ezilwanyana.√√ (2)
- (Nayiphi na impindulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

- 4.1 Sisihlomelo sendawo√/sisalathandawo√/Sisihlomelo.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.2 Incwadi√/Iphephandaba√/Ikhompyutha, imfonomfono.√
(Nasiphi na isibini) (2)
- 4.3 Siphuhlisa ukuba abantu baneendlela ezahlukileyo zokubona into inye.√√ (2)
- 4.4 Ngabantu abaphila kweli xesha√/Ngabantu abasebenzisa itekhnoloji√/
Ngabantu abathanda ukufunda√/Ngabantu abafundileyo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 4.5 Iphuhlisa ukuba ungumntu okholelwa ekusebenziseni itekhnoloji√√/Iphuhlisa
ukuba iincwadi uzibona njengento egqithelwe lixesha√√/Ngumntu
ongawahloniphiyo amalungelo abanye abantu√√/ Iphuhlisa ukuba ubajongela
phantsi abanye abantu.√√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)
- 4.6 Ndiyayincoma kuba ibonisa ukuba ungumntu oyinoneleleyo impilo yakhe√√/
Ibonisa ukuba eyona nto iza kuqala ebomini bakhe yimpilo yakhe.√√

OKANYE

Ndiyayigxeka kuba uza kungazazi iindlela zokusebenzisa itekhnoloji√√/
Uza kungakwazi ukusebenzisa izixhobo zetekhnoloji.√√ (2)
[10]

UMBUZO 5: ISICATSHULWA

- 5.1 Amanzi.√ (1)
- 5.2 Zagqiba ukuba ziza kwenza idama√/Ziza kugqiba ukuba zenze idama√/Ziya
kugqiba ukuba zenze idama√/ Zagqiba ukuba ziya kwenza idama.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.3 Ukwenza into ngenjongo√/Ukwenza into ngesizathu.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.4 Izilwanyana zazenze idama lazo nangona zazingaphelelanga.√ (1)
- 5.5 Phakama Dyakalashé! √√ Dyakalashé phakama! √√ (2)
- 5.6 UDyakalashé wathi ukuba kunjalo yena akasayi kusela kulo^o√√ manzi. (2)

- 5.7 Sisetyenziselwe ukubonisa ixesha eladlulayo.√ (1)
- 5.8 A. umntu akakwazi ukuzibona iziphene zakhe.√/A√/Umntu akakwazi ukuzibona iziphene zakhe.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) [10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70